

limbono ezivele kwintlanganiso yeKhansili yeSU ebibanjwe ngowe4 kweyoMnga 2023

Nanjengoko lo nyaka ubunemingeni yaye ingunyaka obuxakekile uwonke nje, kuluvuyo kum ukuba ndabelane nani ngeminye imibono ethe yavela kwiKhansili yeYunivesithi yaseStellenbosch (SU) ebibanjwe ngoMvulo we4 kule nyanga yoMnga (Disemba) 2023. Le ntlanganiso apho umntu ebevumeleke ukuba ayizimase esekhaya okanye aye kuyo siqu, nekuthe abaninzi bayizimasa ngesiqu, ibiyintlanganiso yokugqibela yeKhansili yonyaka.

Njengesiqhelo, intlanganiso iqale ngokwenziwa **kwengxelo yobuyiselo yaseSU**:

IYunivesithi yaseStellenbosch (SU) iyavuma ukuba inoqhagamshelwano nezizukulwana zamandulo, ezangoku nezexesha elizayo. Ngonyaka ka2018 ebekugqitywa ngawo iminyaka elikhulu, iSU ibibhiyozela izinto ezininzi ethe yaziphumeza. Ngaxeshanye iSU iyithathela ingqalelo indima eyathi yaba nayo kwintswelobulungisa yexesha elidlulleyo yaye iyazisola kakhulu ngayo. Sicela uxolo ngokungazenzisiyo kubantu ababebekelwe bucala kumaqithiqithi awayefunyanwa yiSU, kananjalo sothulela umnqwazi amatshantliziyo aseMatie angazange avume ukuvalwa umlomo. Ukuthatha uxanduva kwizizukulwana zangoku nezexesha elizayo, iSU iyazibophelela, ngaphandle kwemiqathango, kwingqiqo yokuba ibe yiyunivesithi ebandakanya wonke ubani nekumgangatho wehlabathi kwiAfrika yonke yaye oko ikwenzela iAfrika.

Ingxelo kaNjing Wim de Villiers, iNgqonyela neSekela-Nqununu

Owona ndoqo weNgxelo yeNgqonyela othi, "Ukuqhubeka siye phambili noxa imimoya isiza ngaphambili", uchaza ngokuchanekileyo imingeni neempumelelo ethe iSU yachankcasa kuyo kunyaka wokufunda ka2023.

Imingeni yamvanje ibandakanya inkqubo yokuhlawulela abafundi iNational Student Financial Aid Scheme (NSFAS), engasebenzi kakuhle nenikeza ngenkxasomali engephi, exhasa abona bafundi basokolayo, kwakunye nokucutheka kwenkxaso karhulumente kwiiyunivesithi, kubandakanywa neSU. Yomibini le mingeni iza kubeka uxinzelelo olumandla kwimizamo engundoqo yeYunivesithi yokufunda nokufundisa, yaye nanjengoko uza kuva phaya kwiingxoxo zebhajethi ka2024, oku kunyanzelisa ukuba iSU inikeze inkxaso eyongezelelekileyo kubafundi abasokolayo ngokwasezimalini.

Izinto ezingundoqo eziphunyeziweyo zibandakanya ukuphehlelelwa kweBiomedical Research Institute (BMRI), nendima yeSU njengomkhokeli wesibini wamaziko amane aseAfrika naseYurophu abizwa iAfrica-Europe Clusters of Research Excellence (CoREs). Siye sanikwa nenyhweba yokuba sisindleke iNational Institute for Theoretical and Computational Sciences (NiTheCS) ze siphinde sibe ngabancedisi ekukhokeleni iNational Institute for the Preparedness and Prevention of Pandemics (NIP3). Ngaphezu koko, iSchool for Data Science and Computational Thinking neSchool for Climate Studies ziye zanegalelo elikhulu ngokuba

zikhulise umsebenzi weYunivesithi wokwenza uphando olunefuthe kwimiba eyimingeni kwixesha esiphila kulo. Kananjalo, okuye kwamnandi ngakumbi kukuba, aye athi kratya amalizo esiwafumeneyo kubantu abanceda le yunivesithi yethu.

INgqonyela iye yagxininisa kwinto yokuba sidlale indima ebonakalayo siyiSU kuphando apho eli ziko lisebenzisana namanye amaziko alapha kummandla wethu, nalawo akwiingingqi ngeengingqi ukanti nalawo akwihlabathi jikelele. Oku kubonisa umongo wento egxininise kuyo le Yunivesithi, ekukuzisa utshintsho olwakhayo kuluntu ngokuthi kwenziwe uphando ngokuzinikela nangeenjongo kusetyenziswa uthungelwano lwamacandelo ngamacandelo anqumla imida yemimandla nelizwekazi lonke. Le ntsebenziswano ihlumisela ikwatyebisa uhlobo lwemfundo ekhutshwa ngabahlohi baseSU ze inabise ifuthe lophando lweYunivesithi kwiingingqi nakwihlabathi, nto leyo enyusa indlela ebonwa ngayo le yunivesithi lihlabathi njengeziko umntu emakazikhethela lona xa efuna ukwenza uphando.

Ibhajethi ka2024 ethiwe thaca liGosa eliPhethe iCandelo leNtsebenzo uNjing Stan du Plessis

IKhansili yamkele ibhajethi ehlanganisiweyo ka2024, ebandakanya unyuso lwe6% kwiimali zesikolo zabafundi abenza izidanga zokuqala ze ibe yi8% kwabo benza isidanga sesibini nangaphezulu, kananjalo nonyuso lwe8% lweendawo zokuhlala. Imivuzo yabasebenzi iya kunyuka nge4%. Olu nyuso luya kuxhomekeka ekubeni luqinisekiswa emva kokufumana ingxelo ngenkxasomali karhulumente ka2024 elindeleke kwezi veki zimbaleka zizayo.

IKhansili iqaphela ukuba inani elikhulu labafundi lisemva ngeentlawulo zeemali zokufunda nezendawo yokuhlala kananjalo libe nengxaki yokufumana ukutya ngenxa yokuba ncinci kwemali abayifumana kwiNSFAS kwakunye noxinzelelo lwezogqosho kwilizwe lonke. Loo nto ithetha ukuba uninzi aluzi kukwazi ukufumana izidanga zalo ngo2023 ze lungakwazi ukubhalisela u2024 ngenxa yokungabi namali yokugqibezela izifundo zabo. Noxa abo babefunda kule yunivesithi kunye nabo babonelela ngamalizo besenokuncedisa ukucutha olu xinzelelo lokunqongophala kwemali, ityala labafundi liselikhulu kakhulu. Ukujongana nalo mngeni, iofisi yeNgqonyela ihlanganisa uxwebhu lwesindululo lokubolekwa kwabafundi imali oluza kuthunyelwa kwiibhanki. Kwintlanganiso yeveki ephelileyo, iKhansili iye yamkela olu xwebhu lwesindululo olwenziwe yiOfisi yeNgqonyela lokuba iSU ibe nesixamali esilungiselelwe ukuba sibe sisibambiso sale mali-mboleko ukuze iibhanki zikwazi ukuboleka abafundi abakulungeleyo ukunikwa imali. La malungiselelo enzelwe u2024 yaye aya kuba ngaweemeko ezithile kuphela.

Kubalulekile ukuba ezi meko zikhawulelwe yaye oku kuqaqambisa indima ebalulekileyo edlalwa ngabo babe sakuba ngabafundi kule yunivesithi kunye nabo banikeza ngamalizo. Kambe ke, kubalulekile ukuba abo bathatha inxaxheba beze nesisombululo sexesha elide kwingxaki yenkxasomali yemfundo yamaziko aphezulu. Ukuba akwenziwa oko, sibeka emngciphekweni inkxasomali edingekayo ukuqinisekisa impumelelo kwizifundo, nto leyo eya kuba neziphumo ezibi kwilizwe lethu.

Ingxelo yonyaka kaNjing Deresh Ramjugernath, Usekela weSekela Nqununu: Wokufunda nokuFundisa

Kwingxelo yonyaka yokuFunda nokuFundisa kuthiwe thaca isishwankathelo seempumelelo nemingeni yeli ziko yokufunda nokufundisa. Imiba ephambili ibandakanye unyaka obe yimpumelelo ka2023, amanyathelo athatyathiweyo ukubethelela uhlaziyo lwezifundo njengento eza notshintsho kweli ziko, kunye namaphulo okuphucula ngakumbi ukuqondwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiYunivesithi yonke. Ukusetyenziswa kwamathuba abonelelwa yiSU okuba umntu akhethe ukufunda esekhaya okanye elapha eyunivesithi enyukile ngeli lixa inkxaso kubafundi iqhubeka nokukhuliswa ukuze ijongane nazo zonke izidingo ezahlukileyo zabafundi. Iinkqubo zenkxaso zeemeko ngeemeko zabafundi ezixhaswa ngezimali ngabalizi zibe luncedo kakhulu ekuqinisekiseni impumelelo yabafundi, kananjalo iSU izimisele ukuyinabisa le nkxaso kubo bonke abafundi abenza unyaka wokuqala ukususela ngo2024, ze imane ingeniswa ngezigaba kuyo yonke iminyaka yokufunda.

Izinto ekugxininiswe kuzo lulawulo lwabafundi nokuqinisekisa ukuba bonke abafundi baziva bamkelekile yaye ziba lulutho izinto ezenziwayo ukubamkela ngo2024.

Imiba gabalala

IKhansili inike imvume kweminye imiba eliqela, kubandakanywa iZikhokelo zoLawulo ezisayilwayo zokuHlaliswa kwaBafundi kwiZindlu zaBafundi kulandelwa iNkqubo eThile (nto leyo, phakathi kwezinye, evumela ukuba kubekho isigqeba esenza loo nkqubo yokuhlaliswa kwabafundi kwizindlu zokuhlala zabafundi) kwakunye nesixhobo sokulandelela inkqubela yesigqeba solawulo ngo2024 (esiya kusetyenziswa yiKhansili ukulandelela ukuba ingaba ziphunyeziwe na izicwangciso ezingundoqo).

Ndiyabulela kakhulu ngenkxaso endiyifumene kulo nyaka kumalungu eKhansili, ekuthe intathoxaxheba yawo eyakhayo yatyebeza iingxoxo zethu. Enkosi kwiNgqonyela neqela layo, ngokukhokela nokulawula iSU ngendlela entle kangaka kunyaka obunzima kangaka. Njengoba ndisondele ekuboneni izinto ezenzekayo, ndiqaphele ukuba iyunivesithi sisixokelelwano ekungelulanga ukusitwabulula nesinezinto ezahlukileyo, ngenxa yokuba, kwayona ngokwakhiwa kwayo kwendalo, abantu bayo basoloko benxanelwe ukwazi okwenzekayo yaye bayakhuphisana ngeengcinga nemibono. Ziseninzi iimeko zentlalo nezoqoqosho esiza kujongana nazo kodwa akwamaninzi namathuba. Ubunkokeli beSU namandla eli ziko elinawo kwezemfundo benza ukuba le Yunivesithi ikulungele kakuhle ukujongana no2024.

Njengokuba sivala u2023, ndinqwenela ukuba lonke usapho lweSU lonwabele iiholide zalo yaye nikhe niphumle kamnandi ngoba niyakudinga ukuphumla.

Ngemibuliso

Nicky Newton-King

USihlalo weKhansili weSU